URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Oscar Apollis
ICandelo loLawulo loCwangciso noKuphathwa kwamaZiko
Oscar.Apollis@westerncape.gov.za | 021 467 2970

Inombolo yefayili.: 26/2/1/5/ESM SOP
Isalathiso: 20220623-3472

ISetyhula: 0023/2022
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KuBalawuli beZithili, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela Balawuli, kuBaququzeleli beZithili beZikolo eZikhuselekileyo, kuBasebenzi abazii-*Fieldworkers* beZikolo eZikhuselekileyo, kwiiNqununu nakumaBhunga oLawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Ukugxininiswa kweMigaqo yoKwenziwa koMsebenzi yeCandelo loLawulo loKhuseleko lweMfundo emayilandelwe ngokunxulumene neZikolo eziKhuselekileyo.*

Isihloko: IMigaqo yoKwenziwa koMsebenzi yeCandelo loLawulo loKhuseleko lweMfundo emayilandelwe ngokunxulumene nokuthengwa kweempahla neenkonzo zokhuseleko olungxamisekileyo

1. Injongo yale setyhula kukugxigxinisa ukubaluleka kweMigaqo yoKwenziwa koMsebenzi (*Standard Operational Procedures (SOP*)) yeCandelo loLawulo loKhuseleko lweMfundo (*Education Safety Management (ESM))* emayilandelwe ngokumalunga nokuthengwa kweempahla neenkonzo kwiZikolo eZikhuselekileyo, efakwe **njengesiHlomelo A.**

2. I-SOP ye-*ESM* engokuthengwa kweempahla neenkonzo kwiZikolo eziKhuselekileyo mayiphunyezwe njengoko imalunga ne-*National Treasury Instruction No. 2 of* 2019/2020, efakwe **njengeSihlomelo B**.

3. Makwabelwane ngokuqulethwe kwi-SOP ye-*ESM* nawo onke amagosa eSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED)* ezithili zemfundo kubandakanywa namabhunga olawulo neeKomiti zoKhuseleko lweZikolo (*School Safety Committees (SSCs))* nabasebenzi phambi kokuba kwenziwe nayiphi na inkcitho enxulumene nebhajethi yeZikolo eziKhuselekileyo ka-2022/2023.

4. UMququzeleli weZikolo eziKhuselekileyo weSithili makangenise ishedyuli kwaNdlunkulu weSebe iWCED eneenkcukacha zeentlanganiso eziya kubanjwa (a) yiNtloko yeCandelo

loLawulo noKuphathwa kwamaZiko nomphathi wesekethe wesithili esithile, (b) liSekela leNgcali yeMfundo eyiNtloko ne-SSC nabameli bamabhunga olawulo ezikolo phantsi kwesithili esithile, kunye (c) kunye nomphathi wesekethe neenqununu eziphantsi kolawulo lwayo.

5. Makungeniswe obu bungqina bulandelayo bokuba inyathelo elichazwe kumhlathi 3 ligqityiwe: (a) iileta ezibiza intlanganiso, (b) i-ajenda yezi ntlanganiso ebonisa ngokuthe ngqo ukuba i-SOP ye-EMS emayilandelwe malunga nokuthengwa kweempahla neenkonzo. ezikwiZikolo eziKhuselekileyo kuya kuxoxwa ngayo, (c) inkcazo-ntetho (*presentation),* kunye (d) neerejista ezisayiniweyo ezifanelekileyo zokubakho entlanganisweni. Ubungqina kufuneka busayinwe yiNtloko yeCandelo loLawulo noKuphathwa kwamaZiko echaphazelekayo.

6. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-06-13